**UMASIPALA WASELANGEBERG UNGQINA UKUGQOQWA KWEE-OFISI ZAKHE YI-CPCI, UYALAMKELA OLUPHENYO**

NgoLwesine, umhla wesi-7 Juni 2018, iCandelo loPhando lwaMatyala Aphambili (DPCI), libambisene nabaphanda Amatyala Ngobulumko, benze ugqogqo-nothinjo lwezinto kwii-ofisi ezahlukeneyo zikaMasipala waseLangeberg kunye nasezindlini zamanye amagosa kamasipala.
Oku kulandela izithyolo zobuqhetseba, ubuqhopholo kunye nokurhwaphilizwa kwemali. Izindlu ezilinani elithile zamagosa kunye nooceba ziye zagqoqwa.

Amaxhwebhu ohlukeneyo kunye nezixhobo zonxibelelwano zekhompyutha ziye zathinjwa.
Akukho bani uye wabanjwa kwaye, ngokolwazi lukaMasipala waseLangeberg, akukho zityholo zibekwe ngakulo naliphi na igosa ebelithe lagqoqhelwa i-ofisi okanye indlu yalo.

Isininzi sezi zityholo ezenziweyo nezithe zaphandwa ngabakwa-DPCI besele lwenziwe uphando lwazo ngaphakathi ngumasipala kwaye kwezinye zazo amanyathelo oluleko ayaqhubeka. Kwezo ziganeko apho khona amanyathelo oluleko selequkunjelwe,  amagosa – namanye awo abambe izikhundla eziphezulu kulawulo -  selegxothiwe emsebenzini.

Sizibophelele ekuqinisekiseni ulawulo oluhle kunye nolawulo lwemali olufanelekileyo, ngako oko siyalwamkela uphando olwenziwe yi-DPCI. Siyathembisa ngokunika intsebenziswano yethu epheleleyo nanjengoko oluphando lusuka ngaphandle luzakuzisa ukuthembeka okudingekayo kulawulo lwethu.

UMasipala waseLangeberg kutshanje uwongwe ngengxelo yopicotho olongenachaphaza izihlandlo ezintandathu zilandelelana. Kuyinto engaqhelekanga kwaye ikukukufezekiseka ntoleyo esenza sizingce ngayo, kwaye sizakuqhubeka siyithintela kananjalo siyikhusele ngokuthi sijongane nazo zonke iziganeko okanye izithyolo zobuqhopholo kunye nolawulo olubi. Sizakuqhubeka sixhomekeka kwabo sisebenzisana nabathengi bethu ukuba bazibike naziphi na izenzo ezirhanelekayo okanye ezingekho semthethweni ezenziwa ngamagosa kamasipala.

IKHUTSHWA YI: I-OFISI KAMPHATHI KAMASIPALA,  KUMASIPALA WASELANGEBERG

Ngengcombolo  ethe vetshe kunye/okanye izimvo ngalomba, nceda uqhagamshelane noMphathi kaMasipala, uMnu. Soyisile Mokweni, ku-+27 23 615 8001